*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Ndingumbala wobusi*
Original title: *I'm the colour of honey*
Illustrated by Caroline Faysse
Written by Maïmouna Jallow
Designed by Charné Casey
Edited by Alison Ziki
Translated by Sihle Siko
with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 26 October 2019.

ISBN: 978-1-77623-045-7

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Igama lam nguAmanda. Ndihlala noMama wam noTata wam kunye nenja yam uPorsha.

UTata wam uthi ndingumbala wobusi.

UMama wam uthi ndifana nobuhle bentshonalanga.





im-the-colour-of-honey_interior_.indd 7 2020/07/10 21:01

Kodwa andifani naye namnye kubo. NguPorsha kuphela ontsundu njengam!

im-the-colour-of-honey_interior_.indd 9 2020/07/10 21:01



Xa siphumile
abanye abantu
bayasiqwalasela,
okanye basibuze
imibuzo emininzi.



im-the-colour-of-honey_interior_.indd 11 2020/07/10 21:01

“Ingaba nguDadobawo wakho lo?” uyabuza umama osevenkileni.



“Ingaba nguTitshala wakho lo?” uyabuza utata osepakini.



im-the-colour-of-honey_interior_.indd 14 2020/07/10 21:01

"Kutheni ungafani
nabo nje?"

**"Kuba ndingumbala wobusi
ndaye ndifana nobuhle
bentshonalanga."**



im-the-colour-of-honey_interior_.indd 16 2020/07/10 21:01



"Kodwa uTata wakho ufana nesibhakabhaka ebusuku," utsho umama osevenkileni.

"Waye uMama wakho umhlophe okwamaphepha angabhalwanga encwadini," utsho utata osepakini.



im-the-colour-of-honey_interior_.indd 19 2020/07/10 21:02

"Kutheni nibonakala nohluke kangaka?"

im-the-colour-of-honey_interior_.indd 20 2020/07/10 21:02

Ngosuku olulandelayo ndisongela itawuli entloko ndize ndiyijiwuzisa njengoko uMama esenza ngeenwele zakhe.

“Ingaba nguDadobawo wakho lo?” uyabuza umama osevenkileni.

**“Hayi, nguMama wam!”**



im-the-colour-of-honey_interior_.indd 23 2020/07/10 21:02

Ndiyabaleka ndigoduke ndithathe ipeyinti emnyama. Ndiyiqabe ebusweni.



“Uyiqabe kakuhle ipeyinti ebusweni!” utsho utata osepakini. Ukhomba uTata abuze, “Ingaba ngutitshala wakho lo?”

**“Hayi, nguTata wam!”**

Iinyembezi zam zihlamba ipeyinti isuke.

“Amanda ndibonise olwaa ncumo olufana nolukaTata wakho.”

**Andiziva ndifuna ukuncuma.**

“Yhini wethu Amanda, jonga ituma lakho. Lihle kakhulu lifana nelikaMama wakho!”



UMama noTata bandenza ndincume. Ndaye nam ndiyabancumisa.

**“Jongani!” nditsho, “Amazinyo am amhlophe njengawenu.”**

“Ewe, nentliziyo yakho ibomvu njengezethu.”

